

## IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.]

[LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGO-MVULO, JULY 12, 1886.

[No. 89.

Xaulese Imvo Zabantu ngabantu nge

# ISAZISO.

## ITRANSPOTI YAMALAHLE ASE NDWE.

**N** GAYO le nyanga nangale izayo imali yoku bayishwa ukusuka emalahleni ukusa ku Komani iyakunyuswa ibe yi 9d. nge kulu. Zonke inqwelo zolayishwa ngexesha elifanelekileyo.

DUGMORE NO HELLIER, Indwe Mines, June 1, 1886. Amagosa.

*Pambi kokuba nitenge kwezinye izindlu kanizokuzibonela impahla yetu entsha enyulwe kakuhle.*

*Ukuba ufuna into elungileyo kanye ngemali yako, kawuti gxada kwindlu yetu entsha yengubo.*

## INDLU ENTSHA YENGUBO DYER NO DYER

BA  
YI VULILE

*Kwisindlu apa ebezisakuba no C. FENNEL & Co.*

EYABO ENTSHA

## Ivenkile Yokutengisa Nokwenza Ingubo

INE

MPAHLA ENTSHA NE BUHLUNGU

Enyulwe ugu Mr. CHARLES DYER ngesiqu e London.  
Yonke lempahla itengiswa ngamanani amancinane okugqibela, ukuzo ibhelo itengwo msinya ikwelelele enintshi eza ngezikepe.

*Pambi kokuba nitenge kwezinye izindlu, kanizokuzibonela impahla yetu entsha enyulwe kakuhle.*

*Ukuba ufuna into elungi leyo kanye ngemali yako kawuti gxada kwindlu yetu entsha Yengubo.*

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu neswekile zitengeni ko

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

## Isaziso se Nkosi ya Mampondo.

**N** GE ndlela ebifunwa ngu Rulumente esuka Ecwebeni lo Mzimvubu icande kwelama Mpondo isinga kwa Adam Kok kuvunyelwene ukuba mazihambe inqwelo zabo bonke abantu. Maze ingabi nazi tola zokubhatalisa inqwelo, kanjalo maze ingembiwa ikwayileya ndlela indala.

UMHLANGASO J. S. FAKU,  
Umpakati Omkulu.  
Esihlonyaneni Pondoland, May 14, 1886.

## Rheumaticuro

Elona Yeza lakulu leli lizwe lengqaqambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

*Likwaluncedo olukulu kukutyatyamba Komzimba licisine, Nakwintloko, Nakwezinye.*

Benjenje ukulincoma abake balilinga: — “Uti omnye ziphe ingqaqambo (ekubeni besendinyanga ndiqaqanjelwa) emva kweyure ezine ndiqalile ukulisela, ndapumla kamnandi cbusuku, into ebendineveki ndi- ngasayazi, ngoku ndipilile.”

Wenjenje wombi- Eliyeza lindipilise okungumangaliso. Bendibulawa sinqe inyanga ezintandatu kangokuba beku suka kube yinqaba ukuma ukuba ndike nda- hlala. Bendingasena katoba kuba bendi- ngeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye.”

Omnye uti: — “ Benditwele ubuhlungu obukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yintloko leminyaka mibini ndada ndalinga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindinceda kanye.”

“Ndingarola.” utsho omnye, “iponti ezintlanu ngebotile. Ngolwesi-Tatu olugqi, tileyo ndite ndakumatela ibotile yokuqala umfazi wam, wabengana kupakama ekoveni nonyawo, enjalo inyanga; ngalo Mgqibelo uhleli esitulweni.”

Uti omnye: “ Lindenzele kanye lonto ubute liyakundenzela, uka ndipilisa ekutya. tyambeni kwamatambo. Liyeza angaswela amazwi okulincoma umntu, alisiyiyo inko- hliso njengamanye.”

Yiyo le enye inteto: “ Wonke endimeziyo nditi makabe nalo, basancedekile bonke abalilingileyo, andikeva mntu lingamceda- nga.”

Ukuvakalisi imvo zabantu ngalo kungazalisa lonke ipepa.

*Eliyeza linoku yalezwa kuzo zonke izindlu zamayeza, nevenkile, otandayo angalifumana kuminiilo ngokutumela 3a. 6d. ngebotile, ongu*

JAMES JONES.

LONG STREET, CAPE TOWN.

J. E. L. KULLING,

New Street, E-Rini,

Iggira elinyanga ngemiti

yelilizwe LENDLU imiselwe ngokukodwa ukuba ibe yeyo kusebenza nokunyanga ngemiti embiwa kweli lizwe, enyanga zonke izifo zamadoda neza Mankazana, nokuba umntu simhla bumini nokuba sise gazini na. Lemioiza yenziwa ngemiti yeli lizwe. Nokuba umntu salelele ngendlu sisifo sokunga- palazi iyaaipiliaa. Linokutumelwa nge post xa umntu aliyalezileyo, Litenjwe kakulu.

ISIKUMBUZO.]

—U—  
JOSEPH J. YATES,

OBEKE ESE BAYI,

Ngumteteleli Ematyaleni, ufeza nemicimbi engemihlaba, nento zonke ezifezwa “ nga magqweta.”

IOFISI-Egumbini le ALEXANDRA ROAD ne Downing Street, kula ofisi ibisakuba, yeka Mr. Innes.

f36m

## I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto *zinjengamani* nezinye ezibululayo, itengwa ko

C. J. DOWELL & CO.,  
BANK STREET,

# MAMFENGU! MAMFENGU! PAULANI OKU!

Lo ugama lingezantsi unika

## Amaxabiso apezulu ngo Boya,

NEZIKUMBA,

## Zenkomo nempahla emfutshane, MBIZA, e Mtwaku nase Lxwesweni kwa BLAYI,

Into eyimpahla yevankile itengiswa ngamaxabiso apantsi xa itengwa ngemali kuzo zonke ezindawo. Kwakona kwivenkile yakwa Blayi utengisa IGUSHA ezi 600, NENKOMO ezi 50.

THOS. MORIARTY.

Blyth Station, Fingoland.

PAULANI.

Amayeza Abantsundu.

ISEMNARI YASECLARKEBURY (EMGWALI) IYAKUVULWA NGO 24 JULY, LO.

B. G. LENNON & CO., Abapitikezi Bamayeza, E - MONTI,

**N**JENGOKUBA kugqitye kwelokuba isebe elifundisa UKUCWELA livalwe, ikaba ebeli kwelo shishini alisakulindeleka ukuba libuye. — Udodana olukwisebe elenza IZIHLANGU lona lukangelwe ukuba lufike ukuze luwuqale kwakona umsebenzi ngolo suku lwe 24 lo July.

**N**GOKU batengise zonke Intlobo, zine zalatiso ezizaliskileyo zibhalwe nge Sixosa kwisiquyana ngazinye. Anokufunyanwa ka Mr. P. H. POTTER, e-Jojosi emantloko e Tole, nakwa banye aba-rwebi.

IYEZA LB PALO. Owona mciza we-nene we Palo. IYEZA LOKUNQUMLA, nkuxaxaza nokuhlanya.

AMAFUTA EZILONDA. INCINDI YOKUPILISA AM AZINYO. I-PILLS (Amagaqana) zenyongo. AMATONTSI AMEHLA ABULALAYO. I TURLINGTON yoku sikwa nokukuzuka nezinye izinto ezinjalo. IYEZA lika LENNON LOKOHLOKO-HLO.

IYEZA lika Stretch Lokuhlilikhla samatambo (Rheumatism) nezinye njalo, namanye ke.

OLAHLEKILEYO.

Yonke intsapo eza kufunda kule Semnari iya kunjuzwa ukuba ingalibali ukuza ne ntlaulo ngokwemfanelo; bonke abanezikwelitshi Esimnareni bayacelwa ukuba bayi tumele imali ku mongameli.

W. S. DAVIS, Umongameli. Clarkebury, Tembuland, June 30th, 1886.

ISAZISO.

**N**DAZISA bonke abantu abatanda ukufane ba-candise nge migaqo yendhlela ezingavunyelwa ngu ngumteto e Fameni yam u Lot 2143, 5 Block P, Eziqwaneni oko- kuba ndizi valile ngoku ondi- mfumene ehamba ngazo ndi- yakumbeka ityala, emva kwesi saziyo.

MART. M. MABUYA. Kubusi School, 5 July, 1886.

### OLOLIWE BAKA RULUMENI.

ISEBE LASE MAXHOSENI.

**U**KUVULWA kwe Skepe sokukupha intlabati ecwebeni i “LUCY,” ngoMgqibelo 17, 1886—Ituba lokuya e Monti.

Ngolwesi-Hanu, July 16, nango Mgqibelo, July 17, kuyakuni kwa kuzo zonke izitishi Itikiti zokuya nokubuya zexabiso lehambo yokusingapaya kupela, ukuya e Monti, angati umntu abuye ngayo Ngolwesi-Bini, July 20.

Itikiti zokuya nokubuya ezinikelwe e Alvani ngo July 16 ukuza e Komani, eze e Monti umntu angagoduka ngazo kwisituba senyanga.

T. R. PRICE, Umpatiswa.

I-Ofisi Ezinkulu, E-Monti, June 29, 1886.

R. W. ROSE-INNES,

Umteteleli-Ematyaleni, Umqinisi,

WEMVUMELANO,

Umanani Weziqinisele

**L**ONKE UNYAMEKO uyalunikele ekuteni amatyala abamnyama nakweminye, imicimbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno-kufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqinisele somhlaba unokwenzelwa. Lemise benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

**K**WA G. WHITAKER, kwi-venkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile, njalo-njalo, njalo-njalo.

Izaziso ezinqa ngezi (1 inch) zirole- Iwa 2s. 6d. ngexesha lokuqala; Is. 3d. ngexesha ngalinye elilandelayo. Isaziso masize nemali. Asingeniswa ingeko.

Abatshatileyo.

MQANDA MALGAS.—Ngomhla we 22 June, kutshatiswe ngu Rev. C. T. ABERWE, Emtwaku u THOMAS J. MQANDA wase Ngushwa no AGNES MALGAS wakwa Zidenge.

Abazelweyo.

MHLAMBISO.—Kwa-Matole, ngo 18th June, 1886, Inkosikazi ka Nkosi u EBENEZER MHLAMBISO, ibekele UNYANA.

Ababhuhileyo.

**M**OSS.—Kubuhube, e Cradock, ngo 22 July, u ANNIE MOSS, Inkosikazi etandekileyo ka JOSEPH S. Moss, olikumsha kwi Ofisi ze Jaji e Kimberley (kweli Dayimani). Lentokazi ishiye abantwana ababini abaselusizini ngokumka kwayo.

MADUBELA.—Empukane, ngo 27 May, 1886, kububhe u Mr. JOEL MADUBELA. Izihlobo mazamkele lo nabiko.

Iveki.

ABAXHASI be *Mvo Zabantsundu* baya kunjuzwa ukuba ikwota yabantu abaninzi ipele ngo April ogqitileyo. Lixesha ke eli itunye-Iwe imali. Esi sikumbuzo sibhekiswa nakwabo banga Magosa *Emvo* kwindawo ngendawo. Kufuneka itunyelwe nge Post Office Orders imali, indawo ezingenayo nge Stamps zepeni, nezimbini, neze tiki. Azifunwa kakulu eze halufa. Yonke imali ingena ngo J. TENGO JABAVU, Office of *Imvo Zabantsundu*, King William's Town.

UMTETO ongeniswe kwi Palamente yase Sidney, e Australia, ngowokuba umntu angawuqala umtshato xa lowo atshate naye eziyekelele ebunxileni, naxa ate piti intloko, naxa amshiywe yedwa iminyaka etile, naxa ake wabanjwa wagwetyelwa ixesha elide entolongweni.

INDABA zonyulo lwase Ngilane zisapitizela akukaqondakali nokuba ngu Mr. Gladstone oyakoyiswa nokuba zintshaba zake na.

LAWA tnadoda mahlanu anduluka e Natal ngo May 2 ngesikithshane esiyi *Howard Bound* efunzele e Ngilane ngoku ase Kapa, ahambe intsuku ezi 63.

KWAKUKO i Timitl enemvumo apa e Qonce ngobusuku bolwesi-Hlanu olungapaya kolu ludlulileyo. Amanene ayemiselwe ukubhalala ingxelo yalomgobo angu Mr. Harry Sitela & Co, akayitumelanga kuti. Asazi nokuba benziwa bububi nokuba bummandi balo. mgoobo na lento bangananto yokubikela umzi.

KUTE entlanganiseni yangokuhlwa yaba Belungu bamana ukhula benyuka nezitatato bevuma, abati bangu Mkosi Wosindiso, lati liseimi ngomgubazi indindala elingu Maxwele latiwa tywine emehlweni ngeqanda elibolileyo. Lifuwane labhemela u Mr. Easton, la- mbamba lamsa egantolo kwakusasa. Ite xa isakuligweba ityala imantyi kwati gqada u Mr. T. Ingram wati ligitiyiselwe nguye elo- dindala ubepinda isihluku kuba belike la- mkataza. Nqwadlalala amatyala! Wakulu- lwa u Mr. Easton; lotetwa ngeyalo imini elika Ingram ityala.

INTETO ebonakele kweleveki egqitileyo yokuba amatyala obusela bempahla cha. mbayo abe mabini qa kwiuvanga engu June ibbekiselela kwi ofisi yase Komani.

AMANGESI ase Gewa atumele imitandazo yamibini ku Rulumente acela ukuba maka. yisuse imantyi yakona.

I RULUNELI u Sir Hercules Robinson ufiki- le e Kapa, ukangeleka betele empilweni.

NAMHLA sinika inotisi yokugqibela, kwi. mpi engavumiyo nkubhatala imali ye *Mvo*, nemana ukatalalisa isitele ngabanye izitoma- lalisa ngokuti akutshiwo kuyo. Kweleveki ezayo ke ayakubonakala amagama eqela elipambili lamagogyota.

IXABISO lokutumela impahla nge Posi lito. tyiwe ngu Rulumente. Impahla ebifudula ihamba ngetiki ngoku ihamba ngepeni ene. halufa. Nakwenkulu impahla kukwanjalo amaxabiso apulwe kwinto abeyiyo.

IXABISO loboya aliyekile ukunyuka emar- ken enkulu yase London, buman' ukuti tyi kancinane.

NGO MVULO, JULY 12, 1886.

<sup>U</sup>Hobe <sup>wenkohliso</sup> BONKE abantu

abayinoneleleyo imfundo yabantsundu sibalatisa kwi Saziso sika Dr. DALE esi- shicilelweyo komnye umhlali weli- pepa. Lengxelo ibuzwayo yenkulu kunene, siyatemba ke ukuba bonke abanako bomcedisa u Dr. DALE kamsinya bamnike ingxelo ezalise- kileyo. Ngati eyona nto ibiya ku- lunga kukuba bonke abafundisi be- nze ingxelo ngamadodana nomti- njana opantsi kwabo. Kuyabona- kala ukuba ababantu bate kwindlu Enkulu ye Palamente makuziswe lengxelo abatsho ngabuhlobo. Esi- sicelo sabo masiqondwe ukuba silu- pawu lokuba ngomnyaka ozayo imfundo yabantsundu iyakuxoxwa kutsha. Okwangoku kusatiwe kau- lale, nakuba lowo hoha efana nalo simva ngembongi u MILTON ati wenziwa ngo mashini “ abatsha be- ngabasemzini,” kwidabi apa eli- dume kunene elalipakati ko MIKA- YELI no siyalwa. Uti u MILTON ukusixelela : —

“ abamilomo  
“ Itiwe nkna ngokoyikakayo udebe qeke ngakuti  
“ Bengqangiyela uhlobo wenkohliso.”

Sinenkolo nje yokuba imfundo yabantsundu, okanye inqelobu pambili yohlangu oluntsundu seyisongelwe, nokokuba lo hoha simvayo ngoku ufana kanye nalo sesilinganise nga- ye, siyaqokela sithi bonke abanobu- hlobo noluhlanga luntsundu mabeme ngenyawo babinqele pezulu banike ingxelo efezekileyo ngalento ifu- nwayo, ngelixesha kusatiwe hoha mabaziti jwi ekusebenzeni kuba lo hoha eneyelenqe. Siyazi mhlope ukuba lempi ifuna lengxelo akuko nto iyakungenelwa yiyo. Nokuba ingcolile nokuba ibe yencomekayo longxelo akuko mahluko soloko ku- fana, oko kungcola noko kuncomeka kuyakubinzwa ngako ngamalungu Amabhulu ukubulala imali erolelwa imfundo yabantsundu. Sitsho ngo- kuba lama Bhulu zintw' apa zingqo- ndo zingqindilili ekungeko temba lokuba imita yokukanya inokunge- na kuzo. Akoke noko amadoda ata- nda inyaniso eyakuba luncedo olu- kulu kuw lengxelo. Sinentemba ke ukuba bonke boncedisa Kuyakuba luvuyo kuti ukuba sibhale onke amagama abalapa nabakufupi ne Qonce; bati kanjako abanayo longxelo ke bajike ixeshana elincinane bez' apa kwi ofisi yelipepa basinike.

### I Palamente.

I TRANSKEI NE VOTE

U MR. SAUER ute elixabisole £500 kutiwa makafikelele kulo ontundu ngapambi kok- ba abe ngumnyuli, liyakubanga ukuba ontu- ndu angabisabi nguye umnyuli kanye. Oku wohlwanya ngako ontundu ngenxa yebala lake. Usikwa ezimfanelweni zake ngenxa yebala. Lonto ayinabulungisa—ikohlakelo kanye. Wofika umhla eliyakuba lusizi lba- ndla eli ngokusuke liwuvumele umteto wolu- hlobo.

U MR. ESSELEN ute yena akayigqibi kuyiqonda inteto ka Mr. Sauer.

U MR. SAUER ute kakade ubengena kul- inika ingqondo ilungu elibekileyo, ziziza- tu kupela into angalinikayo.

U MR. ESSELEN ute nalonto akayiqondi yena. Linyanise ilungu elibekileyo uku- ti alinakundinika ukuqonda, kungokuba nalo mhlambi alisenako elingandincamelayo. Olwaka yena uluvo lokukuba akulungile ukunika abantsundu ilungelo lokuvota. Yena ukolwa lucaalulo; uyakuxhasa a £500 kontsundu.

U MR. AYLIFF ute sisinye isiqingata kwelipesheya kwe Nciba ngesiba nelungelo lokunyula ilungu elinye. Ontsundu ufanele ukuba namalungelo esinawo nati, ukuba kwenziwa umahluko ngoku koba nzima uku- buya uhlanganise nengazi yoba nkulu.

U MR. INNES ute intsingiselo yesiqendu sokuqala imhlope, kukucaza into ekuyaku. tiwa ngomnyama ekuteteni ukuze kwakufi. kwa kwese 14 isiqendu atwaliswe into ezi. nzima ezitile eziugasakubekwa kwabanye abantu. Ibalasele inteto yamalungu anje- ngelase Richmond (u Mr. Esselen) into aba. yifunayo bona kukumenza isankwankwa ontundu oshesheya kwe Nciba; ukuze baku. kova ukwenjenjalo beze kwenza isankwa- nkwa ontundu onganeno kwe Nciba. Lo- mteto ukuyo ungacaluliyi kuko nto uyona. kalisileyo na. Kuyinyaniso ukuba abanye babantsundu abalapa e Koloni bake bavote ngapaulde kokunika isizatu sokwenjenjalo ; abakona abamhlope abakwenzileyo oko ? Bako, beyakubako ngonapakade. Akuko loyiko ngendawo yokaba abantsundu bape- sheya bayakulintywilisa izwi labamhlope, kuba abantu abangana zitaitile emihlabeni abanakuvota, isininzi ke cabantsundu pesheya kwe Nciba asinazo, asisakuvota ke ngoko. Bayarafa pesheya kwe Nciba ngokulingana- yo nabamhlope kanti ke kutiwa mabahlutwe ilungelo lokumelwa e Palamente.

U MR. SPRIGG ute elilungu libekileyo lisand' ukuhlala liyawateta into ezingena- kwenzeka; umongo walengxoxo awuko eku- beni kubalulwe ibala omhlope kontsundu, kodwa kutetwa ngokukanya nobu baribari Yinto elungileyo ukuba abantu banganikwa into abangayicelanga. Amanene ecala lika Sir T. Soanlen mawauyikanyikane nendawo yokuba, abantsundu bayalifuaana ilungelo lokumelwa e Palamente ? Yena (Mr. Sprigg) uti abalifuni. Ngubaniua ongati bayalifuna. Ontsundu akayifuni ivoti, ngabatile abafuna ukuza apo ebandla abayakungena ngaba. ntsundu abazifunayo: Bayakuyicela abantsundu xa bayilungelweyo. Omhlope akukumenza omnyama.

U MR. MERRIMAN ute akuko bunyaniso kwinteto yokuba lengxoxo indulule ngaba- funa ukungena e Palamente ngevoti zaba- ntsundu. Ngubaniua owungenisileyo lo- mteto ? Ngu Rulamani. U Mr. Sprigg uyipendulele ibhatyi yake kwapela. Yena (Mr. Merriman) uti makungacalulwa.

U MB. UPINGTON ute yena akana qoqoyi ekutini kufuneka umketo weziziwe pakati komnyama nomhlope umntu. I Bishop yase Mtata ngubani ongati ayifanale kuba nolwa. zi ngesime sabantsundu bangapaya kwe Nciba ? Mhla yanika ingxelo yayo pakati kwe Komiti Yemiteto Yabantsundu i Bishop yati “ ukuba banikwa ivoti ngoku lungaba ulaulo lunikelwa esandleni zeziralarume. lonto ingati ngapezu kokuba ingenako ukunyanyezela Lingesi, ibe yingozu nakubantu abantsundu ngokwabo.” Ukuba lomteto uvunye ngalendlela ingeniswa lilungu eli- bekekileyo lase Dikeni abantu abamnyama bapeshesheya kwe Nciba bayakungena bonke evotini bengena ngendlelandlela zenkohliso, kanti ke xa sebakapati kunzima ukubakupa. Makungapapulwa obubuciko benziwayo bokutetelela umntu omnyama. Liqhinga nje lokufumana ivoti zokungena kwelibandla. Amalungu amabini anole pesheya kwe Nciba. U MR. SAUER ute akanako ukuyikanyela into yokokuba i Bishop yomandla wase Mzi- vubu isazi kakulu isimo sabantsundu, kodwa ke kwakuyo leyo ngxelo yalo Komiti Umpatiswa Miteo wati yena akangetandi ukubona kusenziwa ikete pakati komnyama nomhlope. Namhlanjo uti malenziwe, kuse- kuhleni ukuba kwezayo i Palamente uyakuti malenziwe nakwabefilizwe abantu bavalelwe elunyulweni.

U MR. INNES ute yena ezizituko ahlele etyatyekwa ngazo ngu Mgcini-Ndyebo azisa. mngeni noko selemam' ukuti wenza iyelenqe ngabantu abantsundu.

U Ms. THERONT ulisekele icebo. U MR. VINTCENT ekove ukupendula eli- lungu libekileyo nto, uva ububi ukuba ilu- ngelo lokunyula lingqunyezwe emva kokuba sebekade balisebenzisa iminyaka engamashu- mi matatu anamibini, namhla kutiwa obala limnyama makangabi nalo.

U MR. DYER ute uyavubisa u Mgcini. Ndyebo ukuti abantu abantsundu base Trans- kei abalucelanga amelo. Esinye isicelo sabo sangeniswa nguye.

U MR. SPRIGG ute akuko noko liinye ilungu elike lalinga ukupendula kumanqa- ku awenzileyo, neli lase Qonce (u Mr. Dyer) liza namaganya anga 42 qa.

U MR. LEONARD ute ukuba lonto ibite yabikwa kwangapambili bebengasokuyivama abantu abamnyama ukuba abangapaya kwe Nciba bapatwe ngohlobo olulodwa. Yena akameteleli wabantsundu kodwa into ayi- funayo kukuba kwenziwa imfanelo kubo bonke abantu.

U CAPT. BRABANT ute abantu abamnyama bapeshesheya kwe Nciba make bayekwe okwangoku bazihlalele, ivoti mayinikwe abamhlope bodwa, abamnyama kotetwa ngabo kwezayo i Palamente.

U MR. JOHNSON ubacase abantu abamnyama ngokuba basuke baqutywe ngoko- mhlambi wegusha ukuya kuvota begayazi neyona nto bayenzayo.

U MR. WARREN ute okwake yena ukubo- na ngati abantu bapeshesheya kwe Nciba aban- gengeneni bonke evotini, ngokoke akuko lo- yiko lokuba bayakuwaselela Amangesi. Ma- yelana nenteto ka Mr. Johnson, yena ngati ubuqonda abantsundu besithi bona bakolwa ngmntu onobucopo entloko kunobucopo obusezingxoweni (ubutyebi).

U MR. J. E. WOOD ute noko yena ngati abantu base Transkei abamnyama abakulu- faneli nvoto, kodwa ke xa kubonakala ukuba balufanale malufane nolwe liliwze, xa be- ngekulafaneli maluke lunikwe Amangesi odwa.

U MR. TUDHOPE ute kutiwa abantu base Transkei mababe ngabavoti kuba benomhla- ba ongowabo. Abaya bantu bonwabani ka- kulu koluya laulo bapantsi kwalo, banele kup- tanga zinkosi zabo ezipantsi ko Rulumente. Inyanga aimbini lengxoxo yabekwa pambi kwe Palamente noko akuzange kuvakale ne- zwi sliti nkenete lomntu wase Transkei oti ivoti bayayifuna. Amalungu amabini anele, ezinye iziqingata zalapa e Koloni angamabi- ni ngoko. Akuncedi nto ukufane banyanze. Iwe ngento abantu bangayicelanga.

U MR. VINTCENT ute elilungu lisand' ukuhlala aliyiqondi into eliyitetyayo kuba liyicasilile lengxoxo ngokuba liti umntu omnyama makangavoti, kanti lomteto uti makavote. Into ekubanjwene ngayo kuku- vota ngengqondo nokuvota ngobudenge; ukuba kunjalo ke makumiswe ivoti yemfundo kuvote atanesiqanagwana semfundo bodwa kuzo zonke intlobo, bangasuke banqolotwe abantu kuba bemnyama.

U MR. UPINGTON ute Ndatsho mna ukuba mokubeke ikete pakati wezizwe ezimhlope nezimnyama.

U MR. VINTCENT ute ukuba kunjalo ke lonto mayenziwe nakwelizwe lose Koloni. Kodwa ke uyatumba ukuba lbanda alisoku- yivuma lento ingeniswa ngu Umpatiswa Mite- to kuba iyakudlala uluvo olubi ne antlukano eyakoyiswa kade.

U MR. UPINGTON ute inye into engeli- yenza elilungu libekileyo kuku ngenisa icebo lokuba makunga biko noko amnye umntu omnyama ongum votu. U MR. VINTCENT : Andifuni kuyenza U MR. UPINGTON utete ngevoti yase Queensland pesheya kolwande apo umntu we kade engenkuvota ongenasixina lomhlaba oxabiso lityi £100. Ama Mawuri ase New Ziland umhlaba awumi ngokwababu- bantubapeshesheya kwe Nciba, umteto ke ngo- ko ubavalele ngapandle, ngoko ke benzelwe owabo bodwa umteto banyula amalungu ama- ne kupela bona. Kanti ke ama Mawuri angekona zalinali amnephala exabiso lityi £25 avota njengama Ngesi. Nayeke uti makwe- nziwe lonto pesheya kwe Nciba.

U SIR T. SCANLEN: Ama Mawuri akanyuli malungu ohlombo lwawo yini? (*Ihnxeny kwelezayo.*)

NGEMFUNDO YENTOMBI,

Kulungile na ukuba indodana efundileyo izeke intombi engafundileyo? Wayenyani sile u Madam "Modjeska" xa wayezenze u Juliet "kumdlalo wokugqibela owawuvula Indlu ka Booth yokudlala (Theatre) e New York e America—ukuti—*Kudla ngokuhla oko kungalindelekileyo.* Nam namhlanje nditsho mayelana nepike ebekilo pakati ko Mr. M. N. Galela, no Mr. W. F. Bassi, kwi ntlanganiso ye Mutual Improvement Society Eguwa, endiyibone ingxelo yayo kwi *Myo* ze 23 June. Kungumangaliso ukuba amadodana afundisiweyo odwa, angafumane acite ixesha ngemfeketo, ngendawo enokubonwa nangosebeleni, ukuba akulungile ukuba indodana efundisiweyo izeke intombi engafundi. Iyo.

Lendawo icukunyiswe ngalamananene inkulu eluhlangeni kuba kuko isiroro esikulu nge. ntombi ezifundileyo xa zendileyo. Isiroro endisibonayo ukuba siyakugqabukela ekubeni senzakalise, mhlaumbi sitise umsebenzi obekekileyo, noludumo wokufundisa umtinja. Kuyazeka ngokumhlope ukuba indodana efundisiweyo ikwisimo esibekekileyo nesite nyi ukupakama ngenqanga nange-ngqondo yayo yezinto kunendodana engafundisiweyo. Imfundo iyavula, yandise ingcinga yomntu; kodwa ubudenge bokuswela imfundo ingcinga yomntu buyenza ingeva, buyinika amatidala, imposiso, inkani, nobuqingqisa obutle, ngenqondo yomntu kwangokunjalo.

Ke mna kuzekwanje bendiba eyona nto Inkulu kuzekelwa yona kukuba umfazi abe ngumlingane wendoda yake, kwingcinga, ingqondo, nemisebenzi, namacebo endoda; ukuba indodana iyakuti ifundile yona yanepiwo ezi ndizixelileyo itabate umlingane wayo ongenazo ezoziphiwo ngenxa yokuba engafundanga, uyakuti endlini umfazi ongafundanga zihlala izincoko zemfundo ezinqenile, kuba kutetwa ngento ezizintso mi kuye, ekusuke kubonakale xa indoda ingene kwezemfundo, isahluko esikoyo pakati komkayo nayo (mayelana nokuvulana) sibe ngangoko isituba ukuba sikulu pakati kwezulu nomhla. ba sinjalo. Lube nje umanyano noncondiswano, nokonwabisa? Yintonike ozakuyiva ngoku, mhlaumbi uyibone, uzakubona Umfazi equmbe wasipokolo; kuba intliziyo yake ibuhlungu kuba ingqondo zake zibuya ngenano kwezendoda. Ngecala lemfundo lona ukuba imitshato iya ngokumqweno womntu kufuneka indodana efundileyo izeke intombi ekwafundileyo ngenxa yezizinto esendzixelile. Ukuba indodana efundileyo ifuna ukuzeka intombi engafundileyo, kubonakala ukuba mayilahle lemfundo yayo izitobe ide ilungelelane nengqondo esezantsi yalomfazi wayo ungangandanga. Iti ukuba ifuna ukuyigcina imfundo yayo nasendlini Izeke umntu ziyakuti ingqondo ngenqanga nezimvo zingqingelane. Kudala ndipaula, ndibona amadodana afundisiweyo ezeka intombi ezingafundisiweyo. Kodwa maditi, azivumi ukulungelelana zivane izindlu ezinjalo; iyindoda wayiva isiti, nci, ndiditwe sesi sidenge singafundanga, hayi mna ndazenza. Umfazi—wawundizeke usazi ukuba andifundanga, hamba uye kwabo bafundileyo. Mhlaumbi umfazi kwabanye—Mntaka-ma akungeke wendele kwezintwana zifundileyo, into ezihlala emaqhingeni, wakuseluncama kona kwaba badla ngokuteta ngama Grike nama Latini kulapa amaqhing' akona. Unyanyisile u Mr. Galela ukuti: inkabi etsalayo ayinakubotshwa nengatealiyo, ukuze inqwelo ihambe. Umfundisi, umbexeshi, obopa indodana efundisiweyo nentombi engenjalo ngomtshato, uti akuti, yeki—indodana efundisiweyo itsale ide yibe yinkabankaba; intombi engafundisiweyo iyarhoxa, idirolwe ngedyokwe yindodana, ingaatsali ifumane yayitwala idyokwe inqwelo iyaxinga, kuvele impambano, inkatazo, izipitipiti, ingxolo, ukutukana, nesityityiki eazo zonke inkatazo. Make ndibeke apa ngecala lemfundo.

Eyesibini indawo, isiroro esikulu kwintombi ezifundileyo esenziwa nangamadodana afundileyo (ndilusizi ukutsho) : kutiwa intombi efundileyo iba livila endlini, ayikwazi ukulima nokuhlakula, neminye imisebenzi enje ngokugcina indlu ngokwase mlungwini noku ayina (ironing). Lendawo ndiyavikanyela ngokumhlope, ukuba intombi efundi. Iyo ziba ngamavila ngokwenziwa yimfundo. Ukuba intombi efundileyo yakwenda iba livila sukuba ibiyakuba njalo nokuba ibingafundanga. Umsebenzi wemfundo kukwandisa nokuvula isimo somntu, ekukanyeni nase kwazini, asikuko ukutshintsha umntu esimilweni sake kakade; ewe, ndiyavuma ukuba akuncedi nto ukuba intombi ifundiswe incwadi yodwa ingafundiswa ukugcina indlu njengokwase mlungwini. Umfazi xa anokugcina indlu yake kakuhle uluncedo olukulu endodeni yake.

Make ke sitabate indodana efundisiweyo efuna ukuzeka—siyalatisa ukuba inyule kwi ntombi ezimbini, enye ifunde kakulu yapumelela, kodwa ayazi nto kanye ngokugcina indlu, enye ibe yengafundanga kanye, kodwa ibe igqibile ngecala lendlu, nemisebenzi—indodana ingafike engqond' intle icinge, ifune eyona nto itatwa kade ukufundwa, ifike ibone ukuba imfundo itabata iminyaka emi ninzi nemizamo emikulu, nendleko pambi Kokuba umntu apumelele. Enye into umntu oselefundile uyitabata kamsinya into ayifundiswayo. Kuko nencwadi ezifundisa ukugcin' indlu; enye ifike intombi efundileyo izifundele ngokwayo kuyo, nokuba ayikwazi uku ayina ndonxiba ne flaneli nezinye ihempe ezingafuni kusizilwa, ide lontombi ikwazi. Ngazwinye intombi yobanako ukufunda ukugcinwa kwendlu ngapantsi konyaka, ibeke igqibile ukuba ngumfazi wendodana efundisiweyo; omakadibanise imfundo yencwadi nemisebenzi. Mhlaumbi ke londodana mayitete isimo sale a ingafundanga ncwadi, kanjako ibone ukuba ngumfazi, oko afunde imisebenzi nje. Kodwa uti akucinga ukuba imfundo le akanakuyifumana ngenxa yokuba

yona ayinakufunyanwa kapukapu ngexesha elifutshane nangapandle kwendleko nexesha elide esikolwemi, abone ke lomfana ukuba intombi efundileyo ilunge ngapezulu kwe-ngafundanga, efunde imisebenzi yodwa, oku yona efunde incwadi inkudibanisa ezo zimo zifunekayo kakulu kumfazi wendodana

efundileyo imfundo yencwadi nemisebenzi yendlu. Kanti engafundanga inokagcina eso Bemisebenzi yodwa. Ngako ke ayitete nto indawo yokuba intombi efundileyo ayiyazi imisebenzi, xa inokuyifunda endlwini yayo. Kade ndihamba elizweni, andiku. mbuli kuke ndibone ndodana ifundileyo ezeka intombi efundisiweyo, yaza londodana yanamalungelo, ke ndibone ukonakala kwempahla yayo, ngenxa yokuba intombi efundileyo engumfazi ingayazi imisebenzi. Inkoliso yezindam ezonakeleyo endihlala ndizibona zezamadodana azeka intombi ezingafundanga.

Kuyo yonke into etetwayo, endipeta ngalo leli: kawo onke amadodana afundisiweyo anemvo nezitekelelo, natanda ukukanya, nemfundo, nafuna ublanga oluntsundu lunyukile ngemfundo, makazake intombi ezifundileyo ngangoko anako.—T. U. H. TRAN-SKEI.

Abantsundu Abafundileyo.

Esi Saziso silandelelo situnyelwe kwi ntloko ze Semnari zaba Ntsundu kufunwa ingxelo ebizwe Yindlu Enkulu ye Palamente (Legislative Council) le isand' ukwahlukana. Bonke abanganako ukuyinika longxelo kulindeleke ukuba bayitumele ku Dr. Dale kwi Nkundla ye Mfundo e Kapa.

ISAZISO.

Inkundla ye Mfundo,

E Kapa, July, 1886.

NKOSI,—U Rulumente unomnqweno wokungangafumana ingxelo ezalisekileyo kanye ngododana nomtinja waba Ntsundu, abate emva kokufumana imfundo yabo bangena emisebenzini pakati kwamawabo nokuba kupakati kwama Ngesi. Ngokoke ndicela olwako uncedo ekwenzeni impendulo kwezinto zibuzwayo, nditemba ukuba wonceda ngokulibhala lizale eloepa lemibuzo ndilitumelayo.

Ndim, Nkosi, Osicaka sako esilalamileyo LANGHAM DALE, Umongameli we Mfundo.

Impawana.

Ukupendula umbuzo wetu ngo *Nozaku-zaku Isigidimi Samaxosa* siti :-U *Nozaku-zaku* tina asimqondi kakuhle. Ilizwi esi-laziya tina ngu Nomazakuzaku. Ke lowo simaziyo ngumntu owahlala ebako eludu- lini xa kwendiswayo. Ngumntu omaka- ye, abonge, abulele izinto ngemvumelo yoduli lwakulonkazo. Kuzakuxelwa kulindelwe kuye izwi loduli lokuyixela uhlabo elulo inkomo, nezwi loduli ngayo. Kulindelwe kuye ngokukodwa ukongamela zonke izinto nezinye ngozinyama ezilunge kuloduli lwakowabo, nezinye ke izinto ezilindeleke kuye kulamacala oma- bini, nangani singenakuziqgiba. Okunye ngumntu odla ngokwenza intwana ezini- nzi zokuyolisa umralo lowo. Zininzi izinto ezenziwa ngu Nomazakuzaku ngokukodwa ema-Xoseni. Unozakuzaku asima- zi tina kanye.

Noko ngati akusokuba lusizo kubani ukuba sifumane sirutane ngalamazwi ma- bini u *Nozakuzaku* no *Nomazakuzaku*, kuba antonye. Inteto zimbini ezinkulu ngoku kwelilizwe Sisixhosa ne Simbo. Elilizwi lifana nala : Umxhosa uti *inqoba*, Umbo uti *inqoba*; Umxhosa uti *ukuchaya*, Umbo uti *ukuchwaya*, Umxhosa uti *um- ngqika*, Umbo uti *Um(g)qika*, Umxhosa uti *umbelebele*, Umbo uti *umbhelebele*, Umxhosa uti *isikwatsha*, Umbo uti *isakwatsha*, Umxhosa uti *umnungumabele*, Umbo uti *umlungumabele*; namanye ke into eninzi. Ngoko ke asiboni ukuba kuko ubani onganomhlaba wokulingweba eli nokuba leliva ilizwi ati aliko entetweni.

Eyona ndawo besiyinqwenela ifezezwe *Sigidimi*, kuba apo besimise kona inyawo kusekutini elilizwe u *nozakuzaku* alingco- hile linokusetyenziswa nakweminye imisebenzi emikulu elungileyo engekuko ukwendisa. Ezinye incazo esizifumeneyo ziti iba ngumntu odlamkileyo. ozipata bupoxora, lonto ke ilenze ukuba libe nesikwa elozwi kwimisebenzi esulungekileyo.

Ingcango zezindlu ze Tyalike kufuneka ukuba zivalwe xa", sekushunyayelwa ngenxa yabantu abapitzelisa inkonzo ngokupuma. Nangapandle koko lento vokuveluka kocango isilingo kwabanye abashumayeli kuba uti emininje paya entla abe amehlo ake emane ukutsa' va zizinto azibona pandle. Omnye umdala wati xapakati kwentshumayelo wabona intsimi yake seyizele gwiityi zinkomo. Wati ukuhla esikwelweni wawakala esiti d-m-t- wabashiya abantu bete nqadala wapuma waputuma intsimi.

